Isalathiso: 20180315-499
8/3/1/3
Imibuzo: ABaphathi beeSekethe

ISetyhula: 0014/2018
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2018

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooTitshala

Isishwankathelo esifutshane: *Ukwaziswa kwezikolo ngemigaqo yokufakwa kwedatha yeNdlela eziQhuba ngayo iZikolo ngeKota ngomfundi ngamnye ngekota ukulungiselela uMatshi, uJuni, uSeptemba noDisemba 2018 kwizikolo zikarhulumente eNtshona Koloni.*

ISihloko: INdlela aBaqhuba ngayo aBafundi ngeKota kumaBakala 1 ukuya ku-9 naku-10 ukuya ku-12 ngo-2018

1. Le setyhula yazisa izikolo ngamalungiselelo okuzaliswa nokungeniswa kwedatha yeNdlela abaQhuba ngayo aBafundi esikolweni ngeKota ngomfundi ngamnye, ngekota nganye ngo-2018 kuzo zonke izikolo zikarhulumente eNtshona Koloni.

2. Ikhule ngokubonakalayo kwithuba leminyaka emibini edlulileyo imfuno yokuba izikolo zingenise idatha yendlela abaqhuba ngayo abafundi ngokwamanqanaba (***learner level performance*** *data*) ikwifomathi efanayo (*standardised format*) evumela isikolo, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED)* nabachaphazelekayo abanebango ukuba balandelele indlela abaqhuba ngayo abafundi nefuthe longenelelo ngoncedo neenkcazelo ezinikiweyo.

3. Ukwenzela ukuba kujongwane nale mfuno, kucelwa izikolo ukuba zizalise yaye zingenise/zikhuphele (*complete and submit/export*) iziphumo zamanqanaba zabafundi kwifomathi efanayo qho ngekota ngokwemihla echazwe apha ngezantsi.

Ikota yesikolo	**Inyathelo**	**Umhla**
1	Ukuvulwa kwesistim ukulungiselela ukufakwa kwedatha yeNdlela iZikolo eziQhuba ngayo ngeKota Ukusayinelwa kweNdlela iZikolo eziQhuba ngayo ngeKota	26 Matshi 2018

	ukulungiselela ukufakwa kwedatha	20 Apreli 2018
2	Ukuvulwa kwesistim ukulungiselela ukufakwa kwedatha yeNdlela iZikolo eziQhuba ngayo ngeKota Ukusayinelwa kweNdlela iZikolo eziQhuba ngayo ngeKota ukulungiselela ukufakwa kwedatha	18 Juni 2018 27 Julayi 2018
3	Ukuvulwa kwesistim ukulungiselela ukufakwa kwedatha yeNdlela iZikolo eziQhuba ngayo ngeKota Ukusayinelwa kweNdlela iZikolo eziQhuba ngayo ngeKota ukulungiselela ukufakwa kwedatha	25 Septemba 2018 19 Oktobha 2018
4	Ukuvulwa kwesistim ukulungiselela ukufakwa kwedatha yeNdlela iZikolo eziQhuba ngayo ngeKota **(Amabakala 1 ukuya ku-11 kuphela)** Ukusayinelwa kweNdlela iZikolo eziQhuba ngayo ngeKota ukulungiselela ukufakwa kwedatha	19 Novemba 2018 12 Disemba 2018

<u>Imigaqo yamaBakala 1 ukuya ku-9</u>

4. ISebe iWCED liqulunqe amaxwebhu azi-*Recording and Reporting sheets* amaBakala 1 ukuya ku-9 ukuya kufikelela apho izikolo ziya kubanako ukufaka kwikhompyutha idatha yazo yeNdlela abaQhuba ngayo ngeKota abafundi yomfundi ngamnye qho ngekota.

5. Izikolo ke ngoko aziyi kuyifaka idatha yeNdlela abaQhuba ngayo abafundi ngeKota njengoko le nkqubo ngoku iya kuba yinkqubo ezenzekelayo kwikhompyutha *(automated*).

6. Ootitshala basuka bazalise ii-*Recording sheets* ezivelisa ishedyuli baze balandele amanyathelo okukhuphela nokufaka idatha ngokungena kwi*CEMIS*.

7. **<u>Siya kuchaphazeleka njani isikolo?</u>**

7.1. Izikolo ezisebenzisa ii-*WCED Recording and Reporting sheets* neeshedyuli zingaqhubeka ngokusebenzisa ii-*Recording sheets* njengoko ifankshini yokukhuphela idatha sele yakhelwe kula maxwebhu (*sheets)*.

7.2 Izikolo ezisebenzisa i-*South African (SA) School Administration and Management System (SAMS) system* zizakwaziswa ngemazikwenze ukuya/ukuqhubela phambili.

7.3 Izikolo ezisebenzisa ii-*SAMS* ezizezazo okanye ezamanye amaqela achaphazelekayo *(third party SAMS*) maziqinisekise ukuba iisistim zazo zinako ukubonelela ngedatha kanye ngale ndlela ifanayo neyeSA-SAMS yaye mazibe nako ukufaka idatha njengefayili eyi-*text file*.

7.4 Enye indlela kukuba ezi zikolo zinokusebenzisa amaxwebhu azi-*WCED Recording and Reporting sheets.*

8. Inguqulelo yakutshanje ye-*WCED Recording and Reporting sheets ngoku* iyafumaneka. .

9. Ii-***Recording sheets*** kwi*CEMIS* zinokuvavanywa ngolu hlobo lulandelayo:

9.1 Khetha i-***"Reports"*** *tab.*

9.2 Khetha u-***"Gr 1 – 9 Download"*** **kwi-***drop down menu*.

Imigaqo yamaBakala 10 ukuya ku-12

10. Isaqukunjelwa imigaqo yamaBakala 10 ukuya ku-12.

11. Okwangoku izikolo mazifake isamari ye-Term Perfomance ngokwesiqhelo.

12. Ingcaciso engaphezulu ngamaBakala 10 ukuya ku-12 iya kwenziwa ifumaneke ngethuba elifanelekileyo.

13. **Makuqatshelwe:** Zonke izikolo kuya kufuneka ziqinisekise ukuba ichanekile idatha yabafundi kwi*CEMIS* (kumaBakala 1 ukuya ku-9) ukwenzela ukuba amagama neenkcukacha zabafundi kwi-*Recording sheets* akhutshelwe ngokuchanekileyo njengoko idatha yabafundi inokulungiswa KUPHELA kwi*CEMIS*.

14. Izikolo zinokuqhagamshelana nabasebenzi abanika inkxaso kwi*CEMIS* kwisithili naBaququzeleli boVavanyo beZithili, ukufumana ingcaciso engaphezulu nenkxaso ekukhupheleni nasekufakeni iishedyuli kwi*CEMIS*.

15. Ziyacelwa iinqununu zezikolo zazise okuqulethwe yile setyhula kubo bonke ootitshala.

ISAYINWE: NGU-A.LEWIS
IBAMBELA LENTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2018-03-20